



XA USEBENZISA ITEPHU OKANYE INDLU YANGASESE ENIYISEBENZISA NONKE



Hlala ufake imaski.

Ungayikhululi, kwaye ungabuphathi ubuso bakho okanye impumlo, amehlo okanye umlomo, okanye ifowuni ngexa usebenzisa indlu yangasese.



Gcina umgama okhuselekileyo kwabanye abantu (umzkl. emgceni).

Lowo yimitha e-1,5, okulinganayo nobude beengalo ezimbini zomntu omdala zoluliwe.



Khohlelela okanye uthimlele kwingqiniba yakho

okanye kwithishu okanye kwiphepha lendlu yangasese. Yilahle kwithobhi yendlu yangasese uze uyigungxulele, okanye uyifake emgqomeni. Uze uhlambe izandla zakho ngesepha namanzi agelezayo ngokukhawuleza.



Sebenzisa iphepha lendlu yangasese ukuvula ucango lwendlu yangasese nesivalo, hayi izandla zakho ezingakhuselanga.

Lahla okanye ugungxulele iphepha lendlu yangasese kwindlu yangasese xa ugqibile. Ukuba usebenzisa iphepha ndaba ukwenza oku, ungaligungxuleli kwindlu yangasese, kuba liza kuvala imibhobho. Kunoko lifake emgqomeni okufutshane.



Hlamba izandla zakho imizuzwana engama-20 ngesepha namanzi

msinyane nje emva kokusebenzisa indlu yangasese, kwaye ungabuphathi ubuso bakho okanye nantoni na de zibe zicocekile izandla zakho. Okanye sebenzisa iBhotile yeSkwizi okanye iTephu ye-Tippy.

Coca itephu ngesepha namanzi ngexa uhlamba izandla zakho

ukuze ungangcolisi okanye ubange zingcoliseke kwakhona izandla zakho xa uvala itephu. Oku kukwayishiya icocekele kumntu olandelayo.

XA USEKHAYA

- Ziqhelanise nokuhlamba izandla zakho ngesepha namanzi rhoqo imini yonke, ngokucokisekileyo imizuzwana engama-20. Ukuziqhelanisa nokwenza oku kugcina wena nabanye nisempilweni.
- Sebenzisa iBhotile yeSkwizi okanye iTephu ye-Tippy njengendlela ekwenzela lula nelondoloza amanzi ukugcina izandla zakho nemiphezulu yasendlini zicocekile.
- Bulala iintsholongwane kwimiphezulu rhoqo ngomxube oxutyiweyo weblitshi (umzkl. iJiki), kwimiqheba yeengcango, izixhobo zasendlini (iiketile, iifriji, iioveni) neekhabhadi. Ngenye indlela, sebenzisa isepha namanzi. Yenza umxube weblitshi exutyiweyo ngokuxuba iitisipuni ezi-6 zeblitshi kwilitha e-1 yamanzi. Phawula isikhongozeli ngokucacileyo uze usigcine kude nalapho kufikelela khona abantwana nezilwanyana.

Ngolwazi oluthe vetshe malunga nokuba uyenza kwaye uyisebenzise njani iBhotile yeSkwizi, iTephu ye-Tippy okanye umxube weblitshi yiya ku-www.capetown.gov.za/coronavirus



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Hlamba izandla zakho. Gcina ummiselo ongokuqelelana kwabantu.

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.